

Musa  
ukoyika ...



**bible society**  
of south africa

## Ndinawe

Ngamanye amaxesha siyoyika sonke, nokuba ukhaliphile okanye umdala kangakanani na. Asilali ebusuku ngenxa yeengozi ezisixhalabisayo. Noko uThixo ubeka iingqondo zethu ekuphumleni ngeendawo ezininzi eBhayibhileni.

“Ngoko ke ndinawe, sukoyika; ndinguThixo wakho, sukuphakuzela. Ndiza kukomeleza ndikusize, amandla am asindisayo akuxhase akukhusele.”

UISAYA 41:10

“Musani ukuboyika abo banibulala ngokwasenyameni, kodwa bengenako ukubulala umphefumlo. Yoyikani uThixo, yena onako ukutshabalalisa umphefumlo kwanomzimba esihogweni. Andithi, iintaka ezincinci zithengiswa ngambini ngesenti? Kanti akukho nanye kuzo iya kuwa emhlabeni engavumanga uYihlo. Nina ke, kwaneenwele ezi zentloko yenu zibaliwe zonke. Ke musani ukoyika: nixabisekile kuneentaka ezininzi nina!”

UMATEWU 10:28-31

## IBhayibhile isiqinisekisa ngoThixo lukaThixo olunenkathalo

InguNdikhoyo nje ondikhanyiselayo,  
inguye nje ondisindisayo,  
ndingoyika ntoni?  
InguNdikhoyo nje inqaba yam,  
ndingoyika bani?

IINDUMISO 27:1

“Sanukuphakuzela, musan’ ukuxhalaba;  
kaloku ndatsho kwamandulo,  
unangoku ke.  
Kambe nina ningamangqina am.

Ngaba kukho Thixo wumbi na?  
Ngaba likho na elinye iXhadi?  
Unotshe! Mna andizange ndilibone.”

UISAYA 44:8

## Thembelani ebulungiseni bukaThixo

Kodwa zona izibele zakho, Ndikhoyo,  
ziye kuthi gaa ngamazulu,  
nentembeko yakho yaya kuthi ngqu  
ngamafu.

Ukulunga kwakho akugungqi,  
kunjengentaba;  
zinzulu njengolwandle zona  
izigqibo zakho.

Uyabanakekela abantu nezilo,  
wena Ndikhoyo.

Hayi izibele zakho, Thixo, ebantwini!  
Oonyana babantu bazimela phantsi  
kwephiko lakho.

Baxhamla intlutha yendlu yakho;  
ubaseze kumlambo wokulunga  
kwakho.

Wena ulithende lobomi;  
ngokhanyiso lwakho sibona ukukhanya.  
Mazinganqamki izibele zakho kubo  
bonke abo bakwaziyo,  
uwabonelele amalungisa.

IINDUMISO 36:5-10

Ithembekile yona kambe iNkosi.  
Yonikhusela inigcine kuhlaselo lwendoda  
enobuqhokolo.

2 KWABASETESALONIKA 3:3

**\*Ivesi zeziBhalo zithatyathwe  
kwiBhayibhile yesiXhosa ka-1996.**

“Wanga angakuthi jize  
ngamathamsanqa uNdikhoyo,  
akulondoloze.  
Wanga angayindlezane kuwe  
uNdikhoyo,  
usixhamle isisa sakhe.  
Wanga angakwazelelela uNdikhoyo,  
akwambathise uxolo.”

EYASENTLANGO 6:24-26



Ipapashwe yasasazwa liqumrhu  
leBhayibhile laseMzantsi Afrika.

[www.biblesociety.co.za](http://www.biblesociety.co.za)



BibleSA.co.za

**BibleSA**

Bibles and audio Bibles are  
available on the **BibleSA app**.